



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

## **AMABANGA APHAKATHI**

**IBANGA LESI 6**

**EYENKANGA 2014**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2**

**AMANQAKU: 40**

**IXESHA: 1 iyure**

**IGAMA:** \_\_\_\_\_



\_\_\_\_\_  
Olu viwo lunamaphepha asi 10.  
\_\_\_\_\_

**IMIYALELO**

1. Eli liphepha linamacandelo amaBINI:

ICANDELO A: Isicatshulwa (25)

ICANDELO B: Ulwimi (15)

2. Funda YONKE imibuzo.

3. Fundisisa ZONKE itekisi ozinikiweyo uzokwazi ukuphendula imibuzo.

4. Olu viwo luthabatha iyure eNYE.

5. Bhala ngokucacileyo, nangokucocekileyo.

UVIWO LUQALA KWIPHEPHA ELILANDELAYO.

**ICANDELO A: INQAKU LEPHEPHANDABA****UMBUZO 1****ISICATSHULWA**

Funda inqaku lephephandaba elingezantsi uze uphendule imibuzo.

**ILISO LOMZI**

Ngolwesibini, 10 ka Oktobha 2014

**BEZIBAMBENE NGAZO KWIHOLO YASE-ORIENT THEATRE!**

NGU: BONKE ZAMDELA

Wena ungayanga uphosiwe kukutya kweendlebe xa bezibambene ngazo ikwayari zabancinci kula holo yase-Orient Theatre ngakulwandle lwaseMonti ngobusuku bayizolo. Okumangalise bonke ababelapho kukusuka kuphumelele eyona kwayari ibidelekile kuzo zonke, leyo iyikwayari yaseNqamakwe kwesikaNkosi uMagodla. Okwesibini, le kwayari ibixubene neqaqobana labafundi abahamba ngeentonga zokuhamba kuba bekhubazekile.

Intombazana egama linguZizipho, iyicule isolo kwiculo ibetha zonke iikwayari ngenxa yalo ndawo inesolo, kwavakalelwa bonke abazali ababengabukeli apho, bazibona sele bechiphiza iinyembezi bengaziva.

Bezininzi iikwayari zisina zidedelana, zonke ingompondo-zihlanjiwe kumanqanaba azo. Kaloku eli ibilingqanaba lokugqibela lokhuphiswano lePhondo, kwaye bekujijisana ezo zinqashe kwizithili ngezithili zeli phondo. Ikwayari efumene awona amanqaku aphezulu xa kudityaniswe onke amaculo ibe yeyaseNgqushwa. Nayo le kwayari ibingumxube onabafundi abakhubazekileyo kuyo. Bemke bonke beyiyizela kumnandi, kuxhelw'exhukwane, bengawuvali umlomo yimincili.

1.1 Eli nqaku limalunga nantoni?

\_\_\_\_\_ (1)

1.2 Ingaba liphuma kweliphi iphephandaba eli nqaku?

\_\_\_\_\_ (1)

1.3 Lipapashwe nini eli nqaku? nika umhla kwakunye nenyanga.

\_\_\_\_\_ (1)

1.4 Lo mnyhadala kuxoxwa ngawo kweli nqaku wawubanjelwe phi?

\_\_\_\_\_ (1)

1.5 Ngokolwazi olufumane kweli nqaku leliphi iqela eliphumeleleyo?

\_\_\_\_\_ (1)

1.6 Thelekisa abantwana abalapha kulomnyhadala, yintoni umahluko phakathi kwaba bantwana?

\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_ (2)

1.7 Ukuba kungakho umfundi okhubazekileyo kwesakho isikolo ungamphatha njani?

\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_ (2)

1.8 Yintoni eyabangela ukuba abazali bazibone selebechiphiza iinyembezi?

\_\_\_\_\_ (1)

1.9 Ngubani igama lomntwana owayecula isolo?

\_\_\_\_\_ (1)

1.10 Ingaba ukhona umyalezo oziswe lelinqaku? Ukuba ukhona khawuchaze ukuba uthini na.

---

---

(2)

1.11 Xa esithi umntu kuxhelw'exhukwane uthetha ukuthini?

---

---

(2)  
**[15]**

**UMBUZO 2: UMBONGO**

Funda lo mbongo wandule ukuphendula imibuzo.

**Imvaba yempumelelo**

*Buyelani esikolweni nidlamkile,  
Nidlamkile niphembelel' inkqubela.  
Njengomkhonzi nizigcin' izifungo,  
Ningcathu ningaluphangi utshongo.  
Nikhumbul' imiyalezo nemiyalelo,  
Nizondelel' ukukhonza ngesidima.*

*Yigolide indlela ey'sikolweni,  
Ikhazimla njengengomso.  
Wona uzal'imin'entsha,  
Ze nibuye ningenachaphaza.  
Ze nibuye nimpuluswa njengosana,  
Ze nitshatis'uthando nentiyo.*

2.1 Zizafobe zini ezi njengengomso, njengosana?

\_\_\_\_\_ (1)

2.2 Chonga isikweko kulo mbongo sibe siNYE.

\_\_\_\_\_ (1)

2.3 Nika intsingiselo yegama elinomgca ngaphantsi: Ningcathu ningaluphangi utshongo.

\_\_\_\_\_ (2)

2.4 Bhala imiqolo emiBINI ebonisa imvanosiqalo kulo mbongo.

\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_ (2)

2.5 Chonga isimelabizo sibe siNYE kulo mbongo, uchaze nodidi lwaso.

Isimelabizo	Udidi

(2)

2.6 Uziva njani emva kokufunda lo mbongo? Xhasa impendulo yakho.

---

---

(2)

[10]

**AMANQAKU EWONKE ECANDELO A: 25**

**ICANDELO B: ULWIMI****UMBUZO 3: IBALI ELIFUTSHANE**

Funda lomhlathana uze uphendule imibuzo elandelayo ngokucacileyo.

Izandla zinomsebenzi omkhulu kuba zidalelwe ukuphatha izinto ezininzi. Kwezo zinto ziphathwayo ubukhulu becala zimdaka kuba zinkone ziintsholongwane ezithwala imbewu yezifo ngezifo. Ikwazezo zandla esibhenela kuzo ukulungiselela ukutya kwanokutya. Imeko xa injalo, kunye emasikwenze, kukuzigcina cocekileyo ngamaxesho onke, ingakumbi xa sizakulungisa into esiwa phantsi kwempumlo, esithi sakugqiba ukuyilungiselela, sibuye siyitye kwangazo.

Kubalulekile ukuba nazo iinzipho zigcinwe zicocekile ngokusoloko zichetyiwe ukuze zingafukameli iintsholongwane. Xa zinde zibutha ukungcola zikhangeleke mnyama. Iinzipho ezimfutshane zineda ukuba abantwana bangazisebenzisi kwimilwana yabo yokukrwempana. Kaloku ukuba banokukrwempana bade bophe, kuze kuthi kanti ngelishwa kukho onentsholongwane kagawulayo, kungalula ukuba amosulele omnye. Kwakubanjalo kungaba buhlungu kunozala kuba umntwana wakhe naye kungaphela sele egula. Ngaphandle kokuchetywa kweenzipho, ikwabubulumko ukuba sisoloko sizihlamba izandla.

Kubalulekile ukuba sizihlambe izandla xa sivuka kusasa, xa sivela kwindlu yangasese, naxa sizakutya. Lo ngumthetho ophambili nobalulekileyo wempilo. Amanzi amileyo agalelwe kwisitya sokuhlambela ayingozi xa abantu abaninzi behlamba izandla kuwo. Kaloku kuqalwa ukuhlanjwa kuwo ecocekile, kuthi njengokuba kuqhubeka ukuhlanjwa kwezandla abe mdaka, abemaninzi amathuba okuba abe neentsholongwane ukuba bekukho umntu onazo. Ingaba ubuchule yintoni? Kukuhlamba izandla kumanzi abalekayo, ukuze anciphe amathuba okuba kosulelwane. Impilo isekugcinweni kwezandla zisoloko zicocekile.

- 3.1 Lo ngumthetho ophambili nobalulekileyo. Kwesi sivakalisi khetha isimelabizo uchaze nodidi lwaso.

Isimelabizo	Udidi

(2)

- 3.2 Loluphi udidi lwesihlomelo esikrwelelweyo? Kubalulekile ukuba sizihlambe izandla xa sivuka kusasa.

---



---

(1)



3.3 Guqula esi sivakalisi sibe kwixesha langoku: Ingakumbi xa sizakulungisa into esiwa phantsi kwempumlo.

---

(1)

3.4 Chonga isibaluli kwesi sivakalisi: Xa zinde zibutha ukungcola zikhangeleka zimnyama.

---

(1)

3.5 Nika isichasi seli gama: Ilishwa.

---

(1)

3.6 Gqibezela eli qhalo: Ibuzi libonwa ...

---

(1)

3.7 Nika isithethantonye seli gama: Ubuchule

---

(1)

3.8 Yenza isivakalisi esimbaxa, usebenzise isihlanganisi esise bhokisini. Izivakalisi nazi ngezantsi.

Ukuba, kuba

Izandla zinomsebenzi omkhulu. Zidalelwe ukuphatha izinto ezininzi.

---

(1)

3.9 Nika isinye seli gama: lintsholongwane.

---

(1)

**[10]**

**UMBUZO 4: IRESIPHI****Iresiphi yokwenza ikofu****Izinto ezizakusetyenziswa**

- Umgubo wekofu
- Iswekile
- Amanzi

**Izixhobo**

- Ikomityi
- Itisipuni
- Iketile

**Indlela yokuyenza**

- Bilisa amanzi.
- Galela amanzi ekomityini.
- Galela umgubo wekofu neswekile.
- Zamisa uphunge.

**Imibuzo:**

4.1 Chonga izenzi eziyalelayo zibe ziBINI.

\_\_\_\_\_ (2)

4.2 Hlahlela esi sibizo ukhuphe isimaphambili nesiqu: Izixhobo.

\_\_\_\_\_ (2)

4.3 Faka ikholoni kwindawo efanelekileyo.

Ikofu izakulunga nge 12:30.

\_\_\_\_\_ (1)  
[5]

**AMANQAKU EWONKE ECANDELO B: 15**  
**AMANQAKU EWONKE ELIPHEPHA: 40**











